# Isalathiso


## Ikota 1

**Ibali loku-1:** **Ndingumzukulwana kumakhulu** (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . . . 1

**Ibali lesi-2:** **Iingoma norayirayi** . . . . . . . . . . . . 8

**Ibali lesi-3:** **Qiqa Ludwe!** (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . . 15

**Ibali lesi-4:** **Ukusebenzisana yimpumelelo** (Intsomi) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . .22

**Ibali lesi-5:** **Umakazi wodumo** (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . .29

## Ikota 2

**Ibali lesi-6:** **Indalo iliyeza** (Itekisi enika ulwazi) . . . . . . . . . . .36

**Ibali lesi-7:** **Sicela ubuhlobo** (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . .42

**Ibali lesi-8:** **Imibongo** . . . . . . . . . . . . . . . . . . .49

**Ibali lesi-9:** **Unenkululeko yokuhlala naphi** (Itekisi enika ulwazi) . . . . . .56

**Ibali le-10:** **Usuku lokukhumbula izinyanya zethu** (Itekisi enika ulwazi) . . . . . .63

## Ikota 3

**Ibali le-11:** **Iindlela zonxibelelwano** (Itekisi enika ulwazi) . . . . . . . . . . .70

**Ibali le-12:** **Ihagu eyayingafuni ukungena esangweni** (Intsomi) . . . . . . . . . . .77

**Ibali le-13:** **Lumka ukuthetha nabantu ongabaziyo!** (Ibali elingeyonyani) 84

**Ibali le-14:** **Usuku lwabaphathi lukazwelonke** (Itekisi enika ulwazi) . . . . . . . . . . . 91

**Ibali le-15:** **Inkcubeko nolwimi esilisebenzisa** (Itekisi enika ulwazi) . . . . . . . . . . .98

## Ikota 4

**Ibali le-16:** **Imibongo** . . . . . . . . . . . . . . . . . . 105

**Ibali le-17:** **Isipho esifana nesePhoenix** (Intsomi) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 112

**Ibali le-18:** **UMaya unesibindi** (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . 119

**Ibali le-19:** **Impumelelo isentabeni** (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . 126

**Ibali lama-20:** **Sinyusa ingxowa yemali yesikolo** (Ibali elingeyonyani). 133

**Amagama neenkcazelo** . . . . . . . . . . . . . . . . 140

# Ibali loku-1: Ndingumzukulwana kumakhulu

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Xela igama abizwa ngalo umama kamama wakho.
2. Xoxa ngendlela abanithanda ngayo oomakhulu benu.



Yinzwakazi emanz'andonga owam umakhulu tshomi. Inenekazi elintsundu ngombala. Xa umjongisisa ungambona ukuba umakhulu wam ucikiziwe. Akambanga, uyajongeka. Ndimthanda isidudla sento engaweli phantsi. Iyasinda yona kodwa ilula kuba luthando. Yho! Ndathetha ngaye ngathi usaphila. Wawungamva xa esithi "ndinguJola, uMpondomise, uQengeba, hee..e! UMphankomo bethuna." Wayezincoma qho xa kukho umthengi wakhe oncoma umsebenzi wezandla zakhe.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 1 2025/10/03 15:37

Musani ukundijongela phezulu. Hayi ndiyanqanda kaloku bethuna! Tyhini! Calvin utitshala wethu uthe umntu makaze nento elixabiso kuye afuna ukuthetha ngayo. Nawe Lylla uphethe uThedibhe wakho. Nam ndize nomtshini wokuthunga impahla, amalaphu ndaphinda ndayinxiba eyam into yexabiso.



Utishalakazi wethu usibiza sonke ukuba sithethe ngezinto zethu ezibalulekileyo nesizithandayo.

“Molo tishalakazi nani bafundi. NdinguNtila elikatata, uTshawe elasebuhlanti, uOthimna elokusabela. Ndiyatsha zintambo. Mna noMakhulu wam lo endimkhankanyileyo kuni sasisenza izinto ngendlela engumahluko.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 2 2025/10/03 15:37

IMpondomise landinika le lokhwe mna. Lathenga ilaphu kunye nam, walisika kunye nam, waze walithunga kwakunye nam lo, nditsho igaqa ke mna. Saqala ndineminyaka emihlanu. Ndandimane ndimkhapha xa esiya kuthenga amalaphu wakhe.

Elam ixhegwazana lalingumthungi owaziwayo. Lalinxibisa abantu abangoosaziwayo kule dolophu yaseMthatha. Esakhe isandla besahlukile kwezinye. Umthungo wakhe wawungekho granyagranya. Wawucokisiwe owakhe umthungo kwaye ucocekile. Kuthe ngaminazana ithile, saya evenkileni yamalaphu eMthatha. Ndathe kuye “ndithanda eli mna makhulu”, wandijonga wancuma. Eyona nto yandivuyisayo kukuba avume ukulithenga. Sagoduka sobabini sichwayitile.





9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 3 2025/10/03 15:37

Safika ekhaya sonwabile. Ndenza umsebenzi wasekhaya ngokugxabhagxabhisa. Ndathi ndakugqiba ndambona ekhupha ela laphu lam. Wandijonga, wandijikajika endikala. Akazange asebenzise teyiphu yokundikala. Wenza ngamehlo nje wakhe wagqiba. Wathi "yiza sizokusebenza ke ngoku. Songa eli laphu kabini ulibeke phezu kwetafile. Beka isandla sakho sasekhohlo ubambe eli laphu lingashukumi. Eli laphu laliziimitha ezimbini. Siza kusebenzisa imitha enye, elinye ilaphu ndenze ngalo iqhiya yam sizokufaniselana. Uza kuba mhle mhle ube ngathi unguNodoli."





9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 4 2025/10/03 15:37

Jonga niyayibona ke le lokhwe? Yile ndiyinxibileyo ngoku. Mna wathi umakhulu, qho xa ndinxibe le lokhwe ndiza kubukwa. Wathi ndiza kuba ngathi ndingunopopi.Wayethanda ke ukuthi mandijikeleze ukwenzela ukuba ibhabhe ilokhwe. Ubuza kumva ke xa esithi, "Othimna umzukulwana. Unozinxonxwana kamakhulu wakhe njena. Inkosazana." Xa ndifumene nje ithuba lokuhamba naye, ebendinxibisa le lokhwe. Ebengaphazami ke ukuyithwala iqhiya yakhe naye.





9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 5 2025/10/03 15:37

Abazali bam bayandithengela izinto zokudlala. Kodwa le lokhwe yeyona nto inexabiso kum. Ilaphu ndazikhethela, ndaba yinxalenye yokwenziwa kwelokhwe. Yenziwe ngumthungi osenyongweni kum. Noxa kwaqaqamba intliziyo akundishiya umakhulu wam, kodwa wandishiya nale lokhwe endikhumbuza yena. Waphinda wandishiya nesakhono sokuthunga noxa ndiyimveku. Kuthiwa ekhaya ndifuze umakhulu. Ndiza kuba ngumthungi odumileyo ukwedlula umakhulu. Ndiyacaca ukuba ndingumzukulwana kamakhulu nyani.





9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 6 2025/10/03 15:37

Sendiqale ngoku ukuthunga iimpahla ezithi zikrazuke zabantu balapha ekhaya. Andifuni ukusilibala esi sakhono kuba ndiya kuba ndilibele umakhulu wam uqobo. Ndiyancuma ndizidle xa ndisenza lo msebenzi, bayandiqaphela nalapha ekhaya ukuba ndiyawonwabela. Nomatshini kaloku sowubiza mna ngoku, andinangxaki. Yiloo nto ndithi ndiza kuba ngumthungi wodumo. Ndiza kuzivulela elam ishishini ndithengise iimpahla kweli loMzantsi Afrika nakwamanye amazwe. Ndiza kuqesha abasebenzi abaza kundincedisa ishishini lam lihambe.



## Imibuzo emva kokufunda

1. Nika igama elithetha into enyeneli: Ukonwaba
2. Ucinga ukuba ziza  kuba yintoni iziphumo zokuba uOthimna asoloko ehamba nomakhulu wakhe xa eyokuthenga ilaphu?
3. Ngokoluvo lwakho ngaba uOthimna ufanelekile ukuba abe ngumthungi?
4. Xoxa ngokuba uOthimna angafuni ukusilibala isakhono sokuba ngumthungi.
5. Gqibezela ezi zivakalisi ngokuvala izikhewu apho kufanelekileyo:
   Ndiza kuba ngu______ odumileyo ukwedlula u________ .
   Ndiyacaca ukuba ndingu_________ kamakhulu nyhani.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 7 2025/10/03 15:37

# Ibali lesi-2: Iingoma norayirayi

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Jonga umfanekiso osekuqaleni kwiphepha lesi-8. Ncokolani ngokwenzekayo.
2. Xela iindawo enidla ngokuvuma iingoma kuzo.

## MBELUKAZI



Nozinxonxwana ntomb' encumayo.
Nozifothwana ntomb' ehlekayo.
Nozigweqana ntomb' emfutshane,
Intwazana entle emanz' andonga.

Bubuhle belanga liphum' empumalanga
Ucwengile njengelanga entshonalanga.
Manz' andonga le nto inenekazi
ngokuzalwa.
Intwazana entle esukileyo egadeni.



Ziyazala iintokazi, bayakhulisa oomama.
Ziyabukwa zifukanywe kwakhiwa
umama.
Sikhahlela koNoozala beli lizwe
bebonke.
Intwazana ithobekile
ifumen'ingqeqesho.

## Imibuzo emva kokufunda

1. Chaza ukuba yintoni imbelukazi.
2. Mingaphi imihlathi yalo mbongo?
3. Lo mbongo uthetha ngantoni?



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 8 2025/10/03 15:37

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Jonga imifanekiso engezantsi,  sesiphi isilwanyana esi?
2. Sisilwanyana sasekhaya okanye sasendle?



Katana, Katana!

Uyaphi na Katana?



Ndiy’ okutheng’ umnqwazi!

Umnqwazi? Umnqwazi?

Yhoo! Ndaze ndayibon’ ikat’ ethwel’ umnqwazi.

Yhoo, ikat’ ethwel’ umnqwazi!

Yhoo, ikat’ ethwel’ umnqwazi!

## Imibuzo emva ngokufunda

1. Ngubani igama lesi silwanyana?
2. Unxibe ntoni?
3. Iikati ziyawunxiba umnqwazi?
4. Zoba isilwanyana osithandayo, uze usifakele umbala.  Bhala izivakalisi zibe ntathu ngaso.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 9 2025/10/03 15:37

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Yintoni oorayirayi?
2. Yenzani oorayirayi. Omnye abuze, omnye aphendule.

Rayirayi, ndinamntu wam akasoze abe manzi nokuba sentywile esizibeni!





Sisithunzi!

Rayirayi, ndinamntu wam, akafuni kucoceka uthanda ubumdaka!





Yihagu!



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 10 2025/10/03 15:37

Rayirayi, ndinanto yam ithi jikelele ngqu





Yinja!

Rayirayi, ndinamfundisi wam wasetshetshi onekhola emhlophe.





Ngunomgrwabayi!













## Imibuzo emva kokufunda

1. Wena nomlingane wakho bhalani oorarirayi ezincwadini zenu. Umntu ngamnye makabuze aba-3 omnye aphendule. Nikanani amathuba.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 14 2025/10/03 15:37

# Ibali lesi-3: Qiqa Ludwe!

## Imibuzo yaphambi kokufunda

1. Ingaba lo mfanekiso udla ngokuwubona kwiindawo ezinjani?
2. Abantwana badlala ePakini xa injani imo yezulu?
3. Ucinga ukuba kukuthini ukuqiqa?



Kuxa lithi ndithenge! Kuzole nasebukhweni bezinja. Indlela le bekushushu ngayo namhlanje. Inene elinje ilanga lelasehlotyeni. UMbuyiselo uhamba ngogaga kule paki yethu yalapha eNgangelizwe. Kukho aba bahlalele ukuzokubukela bona ngeli xesha abanye bezivocavoca. La makhwenkwe mane ayaziwa ngokuba kunye ngalo lonke ixesha. Bayathandeka apha ekuhlaleni ingakumbi xa engekho uLudwe. Le nkwenkwe yaziwa ngokugeza nokungahloniphi abanye abantu.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 15 2025/10/03 15:37

Iba mbuna kodwa xa ifumana intanga yayo. Kukho la ntombazana yaphaya kwanombolo 12. Iluncedo laa ntombazana kakhulu kuba kugrogriswa ngayo laa ntombi kuthiwa nguPinki.



“Uze ugeze nje Ludwe, ndakubizela uPinky,”  kuthi kwakutshiwo ke athi shwamnce uLudwe athethele phantsi kwakufikwa kulo ndawo. Eyona nto iqatseleyo kukuba undwebe ngathi unezinto azibona yedwa. Uxelelwa qho ngabangamoyikiyo ukuba akhonto imbi ngokundweba, kodwa indlela yakhe yokuthetha nabantu ayilunganga.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 16 2025/10/03 15:37



UPinky naye uthe gqi ehamba nomhlobo wakhe. Baziqhelanisa nokuzivocavoca kwangoku basebancinci ukuze bakhule naso esi sakhono. “Ntombazana sabela xa sikubiza. Kunini ndikhalisa ikhwelo. Kutheni ingathi awuthandi kuthethiswa ndim? Mna ke ndiyakwazi ukubukisa ngomntu ondixhomelayo. Uya kuhlekwa nazintaka apha kum. “Ndijonge xa ndithetha nawe,” utsho njalo uLudwe engabonanga ukuba kanti lo mntu athetha ngolu hlobo kuye ngumhlobo kaPinky. Ijike kwangoko le ntwazana yabuyela kuLudwe.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 17 2025/10/03 15:37




"Ludwe! Namhlanje ndifuna sithethe ngale nto uyenzayo yokunyhasha amalungelo wabanye abantu. Mhlawumbi mandiqale ndithi, wonke umntu unalo ilungelo lokuthetha nantoni na ayifunayo ngokukhululekileyo. Kodwa eli lungelo akufuneki licinezele ilungelo lomnye umntu. Naye lo mntu omkhwaza ngolu hlobo, unalo eli lungelo naye. Akuthethwa ngolu hlobo nabantu. Awunalo ilungelo lokuthuka okanye ukuxhaphaza, lokulwa, lokubeka omnye umntu amabala. Oku kuthetha ukuba zigade into oyikhupha ngomlomo wakho."



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 18 2025/10/03 15:37



UPinky umxelele yonke inyani uLudwe. Uthe akumbalela ezi zinto ekufanele aziqaphele, wabonisa ukudana uLudwe. Umhlobo kaPinky wancedisa kakhulu naye kule ncoko. “Ludwe mandikuncede ndikuse kumqulu womgaqo siseko. Zinike ixesha ucele naphaya kwela thala lencwadi lisekungeneni kwelokishi ukuba uncedwe. Mabakufundise lo mqulu oqulathe amalungelo abantu. Uze ufike uye kwisahluko sesibini salo mqulu. Ujonge phaya kunombolo 16, uza kufika kubhalwe ukuba wonke umntu unelungelo lokuthetha ngokukhululekileyo. Uze uncede ke ungayenzi impazamo yokungajongi umyalelo olandelayo.”



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 19 2025/10/03 15:37



Icaciswe gca! le nto sesi sibini. Bathe besuka apho kuloo makhwenkwe babe beyithethe yonke le nto bebefuna ukumxelela yona uLudwe. Ucacelwe ukuba umntu akathethi nje nakanjani nabanye abantu. Akanalungelo lokubiza omnye umntu ngala ndlela. Akukho namnye umntu onelungelo lokukwenza unxube, ulile okanye uzive ungengomntu upheleleyo. Xa uthetha nabanye abantu, thetha ngentlonipho. Xa ufuna ukubonisa okanye uveze iimvakalelo zakho kufuneka uziveze ngenyameko.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 20 2025/10/03 15:37



Wathi akuva ngoku uLudwe kwatsho kwazola kula ngingqi yabo. Abantwana abancinci abangamantombazana babemoyika uLudwe, bengathandi nokudlalela apho akhoyo. Wayekwazi ukuzincoma ngokulilisa abanye abantwana. Isifundo esicacileyo nesincomekayo sesokuba uLudwe nabahlobo bakhe bafunda ukulihlonipha ilungelo lomnye umntu. Ilungelo lokuba uthethe ngokukhululekileyo.

## Imibuzo emva kokufunda

1. UNgathi uLudwe wayengumntu onjani?
2. Caphula encwadini, leliliphi eli lungelo uLudwe wayelathwa kulo?
3. Yintoni eyona nto ayiyalezayo umbhali kweli bali?
4. Ubunokuthini wena xa uLudwe ekukhwaza kakubi ngolu hlobo akhwaza ngalo umhlobo kaPinky?
5. Zoba eyakho imifanekiso ngeli bali. Bhala isivakalisi ngomzobo ngamnye.



9781834956091_plt_lan_g03_ssa_xho_za.indb 21 2025/10/03 15:37